

## **lingxelo eziphuma kwintlango yeBhunga yangomhla we15 kwekaTshaziimpuzi 2024**

IBhunga liye lahlanga ngoMvulo, umhla we15 kwekaTshaziimpuzi lihlanga intlangano yalo yokuqala kwiintlangano zalo ezicwangciselwe lo ka2024. IBhunga lahlanga ngeyoMdumba lihlanga iseshoni yalo yonyaka ephambili – nyaka lowo ugxile kwifuthe, nethuba elize netekhnoloji kwimisebenzi nakugxilo lwale Yunivesithi.

Intlangano yeBhunga yokuqala iye yacamnga ekuqaleni kwalo nyaka ngemiba nentlungu enkulu kananjalo nangempumelelo nemicimbi apho iSU iye yabonisa khona ukuzibophelela kwale Yunivesithi ekubalaseleni ngokwezemfundo nobunkokeli bezobuchule bokucinga. Kuchithwe nexesha elininzi kwiingxoxo ezimalunga nokuqaliswa kokuzingelwa koRekhtha noSekela Tshansela omtsha oza kuqala umsebenzi wakhe ngekaTshaziimpuzi 2025 emva kokufika esiphelweni kwesihlandlo sesibini sokubasesikhundleni kukaNjingl Wim de Villiers. Le ingezantsi apha yeminye yemiba eye yashukuxwa.

### **Ukucamnga ngeNtetho yeMbuyekezo**

Njengesithethe, intlangano iqale ngocamngo ngentetho yembuyekezo yeSU:

*IYunivesithi yaseStellenbosch iyaluqonda unxulumano lwayo nezizukulwana ezadlulayo, esanamhlanje nezangoms, nxulumano olo lungena kuphetshwa. KuNyaka weNkulungwane wangowama2018, iSU ibhiyozele iimpumelelo nezifizekiso zayo ezininzi. Ngaxeshanye iSU iyaliqonda igalelo layo kwiizenzo ezingenabulungisa zangezolo. Siyazisola kakhulu ngaloo nto. Sicela uxolo olungazenzisiyo kuluntu nakubantu ngabanye ababesakukhutshelwa ngaphandle kumalungelo angoko awayexhanyulwa yiSU, kwaye siwanika imbeko amazwi awayegxeka eeMatie zangelo xesha ezazingakuvumeli ukuvalwa umlomo. Njengoxanduva lwethu esiluthwalela isizukulwana sanamhlanje nezangomso, iSU iyazibophelela ngokungathandabuzekiyo kwinjongo yokuba yiyunivesithi ebandakanyayo nekudidi lwehlabathi apha eAfrika oko ikwenzela iAfrika.*

Le ntetho isisikhumbuzi esibalulekileyo sokuba iSU iya isiba nomtsalane nangaphezulu njengeyunivesithi ekhethwayo ngabafundi abaphume izandla nabasebenzi ngokunjalo; inethuba elilodwa lokuba ngumzekelo womnqweno wokuba yiyunivesithi *ebandakanyayo nekudidi lwehlabathi apha eAfrika oko ikwenzela iAfrika*. I-SU inendlela ende esamele kuyihamba phambi kokuba bonke abanenxaxheba kuyo babone njengendawo enkcubeko zininzi, elwimi zinizni, ebandakanyayo nenezibele kwaye le Yunivesithi ichitha ixesha elininzi namandla ekwenzeni oko. Kodwa ke ayimangalisi into yokuba imo enzima yezentlalo noqoqosho iyongeza kuxinzelelo oluviwa ngabanenxaxheba kule yunivesithi kwangokunjalo yongeza uxinzelelo nakoko balindele ukuba le yunivesithi ikusabele. Ndiyilindele into yokuba le meko iya kuba yinxalenye nangakumbi kwiincoko zeBhunga kwiinyanga neminyaka ezayo.

## **Ikota yokuqala**

Unyaka wemfundo ube nesiqalo esicela umngeni xa abasebenzi bathi bagagana nezinto nemifanekiso exhalabisayo kumagumbi amabini kwindawo yokuhlala iWilgenhof. Okwakuqulethwe ngaloo magumbi kukhangeleka ingathi kuchaza izenzo kuloo ndawo yokuhlala eziphikisana neenqobo ezixatyiswe yele Yunivesithi. Njengoko kwakulindeleke ukuba kufike amagqala kuloo ndawo yokuhlala ukuza kulungiselela ukwamkelwa ngokusesikweni kwabafundi abatsha, kwakhutshwa izinto ezikuloo magumbi kwaza oko kwafunyanwa apho kwagcinelwa uphando olunzulu. IPaneli ekugqibeleni eyatyunjwa liCandelo likaRekhtha ukuze iqhube uphando ngoko kufunyenweyo iza kunika ingxelo yayo kungekudala nto leyo iza kulungiselela amanyathelo aza kuthathwa.

linzame zokuphakamisa umgangatho wemo yokwahlukahlukana kwabafundi bethu ngokwedemografi kule minyaka isanda kudlula zenze ukuba kubekho ukwanda okuthe chu kwabafundi abaphuma ngaphandle kweStellenbosch, abanye babo befika bengenayo indawo yokuhlala evunyelwe loo nyaka. IBhunga livakalise ukuxhalaba kakhulu ngefuthe loo nto elinokuba nalo kwaba bafundi ekuqaleni kwalo nyaka kwaye livakalise umbulelo ongazenzisiyo kuluntu olungabafundi baseStellenbosch oluthe lwabonelela abo bafundi bachaphazelekileyo ngoncedo olungaphaya kokuqonda.

Xa bekuxoxwa ngentlaninge yezinto ezayamene neNSFAS ndawonye noxinzelelo olwayamene nenkxasomali, iBhunga liyiqondile into yokuba njengoko umtsalane wale yunivesithi usiya usanda nanjengoko iNSFAS iqhubeka ngokuba nobunzima, le Yunivesithi kuza kufuneka ifumane iindlela ezintsha zokusabela ezi zinto ingenzanga zibophelelo engena kukwazi ukuqhubeka ngazo.

Ukongeza kuxinzelelo lwekota yokuqala kwaba yingxaki yokusungulwa kweSUNStudent. IBhunga lizibonile iingxelo ezingafihlisiyo ezenziwe yiRejistra ndawonye nokubaluleka kakhulu kokuzinziswa kwenkqubo yeSUNStudent, ukuze kuqinisekiswa ukuqhubeka komsebenzi, nokuphucula indlela abafundi nabasebenzi abayibona ngayo le nkqubo njengabasebenzisi bayo. Imingeni engqonge ukusungulwa kweSUNStudent namayathelo aza kuthatyathwa nawo

kuye kwaxoxwa ngawo nzulu kwintlango yeKomiti yoPhicothoncwadi neMingcipheko nje kwiintsuku ezimbalwa emva kwintlango yeBhunga.

Phakathi koku konke, le Yunivesithi iye yasingatha umcimbi wokwamkela abafundi mcimbi lowo obe yimpumelelo apho kwamkelwe khona abafundi abatsha abangaphezu kwama6 700 ngeli lixa uthwesozidanga kweyoKwindla lube yimisitho ngokwenene njengoko ibe nabathweswazidanga abangaphezulu kwama9 000.

Njengoko uRekhtha noSekela Tshansela bebesanda kubuya ekukhokeleni igqiza elingamagqala ukuya kwiYunivesithi yaseGroningen, baye babhengeza amathuba ancumisayo avele kwisivumelwano sobuhlakani esasayinwa zezi yunivesithi zimbini ngowama2022 apho ziye zazibophelela ekubeni ziza kuhlangebezana neminye yemingeni engentlalo yala maxesha ethu. Olo tyelelo lwaba liqonga lokuphonononga nokuvula amathuba amatsha kwiinguqu ezingombane, kwiinguqu ezingedijithali kunye nezisombululo ezingempilo namayeza (biomedical) eziququzelelwe luphando olusekelwe kwiinkalo zemfundo ezingophando nokusebenzisana nangakumbi kwamashishini. Okona kubalulekileyo kungoku nje ngamathuba amatsha aphathelwe iinkqubo ezidityanelweyo zobugqirhalwazi kwezefilosofi, (PhD), ubuhlakani kwezobungcali obandulelwa zizidanga zobugqirhalwazi, abo bafundela isidanga sokuqala uze bakwazi kwiinkalo ngeenkalo zokufunda, nto leyo iza kuphucula amathuba okufumana inkxasomali evela ngaphandle, nokuzithelekisa ngokwemfundo kuzo zonke izifundo ezingeeprojekthi zophando.

Ngaphezu koko, imicimbi efana nalowo weNobel in Africa Symposium kunye neLektsha yeTshansela emalunga nabo bawongwa ngewonga leNobel abafana noEsther Duflo noAbhijit Banerjee iqaqambise leYunivesithi njengehlakani lezemfundo elikudidi lwehlabathi. Amalinge afana nelo leSUNRISE (elijolise ekuyileni iingcaphephe eziphambili kwezemfundo nezingayikuphela ndawo) kunye neziko iBiomedical Research Institute (iBMRI) (lona liqhuba iinkqubo zophando ezigqwesayo kwizifundo ngezifundo) omeleza nangakumbi ubume beSU njengenkokeli nehlakani kwezophando noyilo lokutsha. Intlango yothungelwano yeStellenbosch International Academic Networks (iSIAN) 2024 yasingathwa yiYunivesithi yaseStellenbosch ukususela ngomhla we13 ukuya kowe15 kweyoKwindla. I-SIAN le yindibano yamahlakani weStellenbosch aziyunivesithi zezizwe ngezizwe. Kulo nyaka kwadibana abathunywa abangaphezu kwe100 abaphuma kwiiyunivesithi ezingamahlakani ezingama70 nezizinze kumazwe angama27 beze kuzimasa iingxoxo ezingeengxaki ezingonxityelelaniso lweenkqubo zezizwe ngezizwe kwezemfundo ephakamileyo kujoliswe kambe ekomelezeni ngakumbi ububandakanyeka kweSU ekubumbeni ingomso lolwazi, ngakumbi eAfrika.

Sajoyinwa nguGqr Leslie van Rooi owanika iBhunga ingxelo ngenkqubela eyenziwa yiCIRCoRe. IBhunga liye lakuncoma ukuhamba kwezinto ngokubhekiselele koko kumele kwenziwa ndawonye nomdla obonakaliswe ziinkokeli ezintsha zeCIRCoRe. Ukubaluleka kokuqhutyelwa phambili amalinge weSU ngokubhekiselele kwiinguqu ngendlela eziphumo zikukubonakala komahluko ophathekayo ngokubhekiselele kumava aphilwa ngabo bonke aban enxaxheba kwiSU kuya qhubeka ngokuba yeyona nto kujoliswe kuyo liBhunga kwaye oku kuye kwabonakala ngamandla kwigalelo laban enxaxheba xa bekuqhutywa inkqubo yokutyumba uSekela Tshansela (iVC).

### **Inkqubo yokutyunjwa kweRekhtha entsha**

Ukutyunjwa koRekhtha nokwanguSekela Tshansela omtsha sesinye sezona zigqibo zibalulekileyo iBhunga ekumele lizithathe njengoko umntu odlala le ndima inguye othwele lonke uxanduva lokufezekisa umbono weYunivesithi. IBhunga liye laba neengxoxo zokuqala ezinzulu ngokubhekiselele kwiimfuno ezinokubakho nekumele ziqwalaselwe kambe zisungule inkqubo yokugaya, nkqubo leyo ifune okokuqala ukuba abaphambili aban enxaxheba beze negalelo labo kwezo mfuno zisenokuba khona.

Ngabasebenzi namalungu eKhonvokheyishini asondele kwi100 aye alisabela ikhwelo leBhunga lokuba negalelo kwaye siye sahlangana ngokunjalo nabamele iSineyithi, iBhunga eliMele aBafundi, iForam yeZiko kunye neNtlanganiso yaBaphathi Jikelele ukuba nabo beze nelabo igalelo. Ndiyambulela ngokungazenzisiyo wonke ubani oye wachitha ixesha lakhe ekusiboneleleni ngezimvo zakhe. Eli galelo siza kulisa kwinkqubo yokuqukumbela ezo mfuno nakwisaziso esingesi sikhundla esiza kukhutshwa kwekaCanzibe nje sakuqukunjelwa yiKomiti yokuTyumba aBakwizikhundla eziPhezulu.

Ndiyanikuhuthaza ukuba nizilandele phaya [ku](#) iingxelo ezimalunga nokutyunjwa kweVC.

### **Ingxelo yonyaka yeDVC yoPhando oluNgokuyila oKutsha kunye neZifundo eZandulelwa siSidanga soKufunda**

Kwingxelo yakhe yonyaka ayithe thacha phambi kweBhunga, uNjingl Sibusiso Moyo wenze intetho edlamkiso, echaza inkqubela eyenziwe yile Yunivesithi kwizifundo ezingemozulu neenguqu kwezophando, egxininise ekujoliseni kweSU ekumiliseleni umoya wokufuna ukuyila okutsha nokusebenzisana ngelixa ilungisa imingeni emandla uluntu olujongene nayo naxa izisa utshintsho oluziphumo zincumisayo. Iye yonwabisa into yokubona ukuba ingxelo engoHlalutyo lweZintlu zeeNcwadi (Bibliometric) ibonakalisa impumelelo enkulu yeSU kumba

ongeziphumo zophando nocaphulo kwizifundo zabanye (ngakumbi njengoko oko bekusenziwa ngentsebenziswano nehlabathi, nto leyo ibonakalise ukuqaqamba kweSU njengehlakani lezophando elithembakeleyo). Sithulela iinkokeli zethu kwezemfundo umqwazi ngokubhekiselele kulo mba.

UNjingl Moyo uyitshilo eyokuba into eyenza ubuthongo bungehli kuye ebusuku: kukuqinisekisa ukuba sinabafundi abatsha abasendleleni esingise ekubeni zizifundiswa; ukutsala umdla nokuba netalente yezemfundo encomekayo; ukuqinisekisa ukuba sinetekhnoloji efanelekileyo iinkqubo nemigaqonkqubo yokulungiselela uphando; ukufuna nokufumana ngempumelelo amathuba enkxasomali entsha neegranti ngokunjalo; ukuqinisekisa ukuba umoya ogquba kweli ziko uyakhuthaza, uyabandakanya kwaye unezibele kwizifundiswa ezitsha.

Kukho intlaninge yamanyathelo anokuthathwa okuhlangabezana nezi ngxaki – ezinye zazo ezinjengemo ebandakanyayo neyamkelayo, manyathelo lawo asebenza kuyo yonke le Yunivesithi. IBhunga liza kusoloko libeke iliso kwezo zinto.

## **EzeZimali**

Nangona oyena ndoqo womsebenzi wale Yunivesithi kuyiprojekthi engemfundo, loo msebenzi unokuqhutyelwa phambili kuphela xa le Yunivesithi ime kakuhle ngokwasezimalini. IBhunga liziphicothile iziphumo ezingezezimali zoHlahlolwabiwomali oluPhambili luka2023, olwandlelwe yiCOO yethu uNjingl Stan du Plessis. Ezo ngxelo zibonakalise ulawulo oluchuliweyo, nto leyo iya kuba luncedo kuthi njengoko kukho uxinzelelo kwiNxili yesizwe, iingxaki ezingeNSFAS esele zikhankanyiwe, nemo yentlalo noqoqosho ephantsi koxinzelelo ngokubanzi mo leyo bonke abanexaheba kule Yunivesithi abazama ukumelana nayo.

IBhunga liyitshilo eyokuba, njengesiqhelo, uhlahlolwabiwomali luka2024 luza kubonelela ngenkxaso mali yokuvalela abafundi beNFSAS isikhewu ukuqinisekisa ukuba akukho nto basilela ngayo ngenxa yohlengahlengiso lwemirhumo kuhlahlolwabiwomali lwale Yunivesithi luka 2024 mirhumo leyo inegaphezulwana kunaleyo ibiphakanyiswe nguMphathiswa.

## **Ukubeka iliso kumsebenzi owenziwayo**

UNjingl Klopper, iDVC yeZicwangcisoqhingana, iMicimbi yeHlabathi neyeQumrhu, uye wandlala ingxelo yekhadi lamanani leziphumo zomsebenzi oqhutywe ngabakulawulo nto leyo ibonelele ngengxelo equka konke malunga nendlela le Yunivesithi eqhube ngayo xa kuthelakiswa neenjongo zocwangcisoqhingana eziphambili iBhunga elizilandeleyo kulo ka2024. Ngokubanzi, le nto ithetha ukuba le Yunivesithi yenza inkqubela ebonakalayo ngokubhekiselele kwiingaxki

ekumele kujongwane nazo nangona mhlawumbe ezinye zezinto ekujoliswe kuzo bezisenokolulwa nangakumbi – nto leyo siza kuyenza kwikhadi lamanani leziphumo kunyaka ka2025.

## **Elokugqibela**

lintlanganiso zeBhunga phantse ngalo lonke ixesha zizinyaswa ngawo wonke amalungu (100%), nto leyo ichaza ukuzibophelela kweYunivesith yaseStellenbosch okungenambaliso, ngokukodwa njengoko kungekho lungu leBhunga lirhunywayo ngokuzimasa iintlanganiso. Iintlanganiso zingqongqo kwaye azifihlisi, nditsho nakwimiba enzima, kwaye oku kusomeleza nangakumbi. Ndibabulela ngokungazenzisyo oogxa bam abangamalungu eBhunga ndawonye noNjingl De Villiers negqiza lakhe ngokusiyilela indawo esinokubumba kuyo ingomso leli ziko lethu noluntu esilusebenzelayo.

Xa ndiyisonga le ntetho, ndinga ndingavuyisana noNadine Moodie owanyulwa njengoSekela Sihlalo weBhunga. UNadine ube kweli Bhunga ukususela ngowama2019 kwaye unesidanga seBA (kwizifundo ezingezizwe ngezizwe) nesidanga seBPhil (kwezoBuntatheli) zidanga ezo azithweswe eSU.

Kuninzi okumele kwenziwa kulo nyaka kwaye ndiyanibulela nonke ngendima eniyidlalayo ekumiseleni iSU njengeYunivesithi yophandonzulu yodidi lwehlabati oko ikwenzela uluntu lweAfrika apha eAfrika.

## **Ngemikhulu imibuliso**

### **Nicky Newton-King**

### **USihlalo weBhunga**